education

Department:
Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

# NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

## IBANGA 12

**ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO (FAL)**

**IPHEPHA LESIBINI (P2)**

**FEBRUWARI/MATSHI 2010**

**IMEMORANDAM**

**AMANQAKU: 70**

**Le memorandam inamaphepha ali-15.**

## ICANDELO A: INOVELI

***KUSA KUSIHLWA* – KS Bongela**

### UMBUZO 1

### UMBUZO OMDE

UNomakhwezi yinkosikazi kaLungile. Ufundile kuba ungumongikazi opheleleyo. Wazana noLungile kudala bada batshata. Isikhwasilima anaso bubukhwele obungenangqondo. Xa sebumphethe akakhathalelanga mntu. Bumenza athi lwale angakwazi nokucinga. Njengoko babeneshishini levenkile eMlazi wayesalana nokubona umyeni wakhe encokola namakhosikazi. Yayimphambanisa le nto.

Yaba mbi intlalo akuzikhethela umhlobo onguNozililo ecinga ukuba ngumhlobo wenene kanti lilahle elinothuthu. UNozililo wayenezinye iinjongo ngobu buhlobo babo bobabini. Wayefuna ukumxabanisa nomyeni wakhe, kunye nabathengi ukuze ishishini eli litshone baze kulithenga nomyeni wakhe njengoko esithi liselungelweni labo kakade.

Wayenqandwa enqandiwe nguYolisa ngale tshomi yakhe imthuthela iindaba zelokishi kodwa wayenenkani. Wathi akuxelelwa ukuba uLungile uyathandana eMlazi akayi kuSigwili wamnqanda ukuba angabe aphinde aye apho, naye uSigwili makhe eze kuye. Uthi ukuba uyaya baza kuhamba bobabini. Le meko yenza akwabikho mvisiswano nokuthembana kulo mzi. Imbewu yolwabhici wayeyityalile uNozililo kwaye injongo yakhe yayihamba kakuhle. Waye wahlalela ukugada uLungile evenkileni ukuba angancokolisi abathengi. Yaba ngundaba mlonyeni into yokukrokrela abathengi yenza bemka ngokumka abathengi evenkileni.

Wayengaqondi yena ukuba uyayenzakalisa indoda yakhe ngezi zinto azenzayo waza ugqirha wathi mayiyeke ukusebenza evenkileni ifune omnye umsebenzi. Ngumfazi onjani ongayiboniyo indoda yakhe ukuba iyagula. Wafumana umsebenzi we-Inshorensi. Badlanga ubukrwada bukaNomakhwezi ngenxa yezinto azivayo, eziphathelwa nguNozililo. Uyamthuka, amnyembe umyeni wakhe, umnqa izithuko ezingaka ziphuma kumongikazi. Ukungahloniphi indoda yakhe nabantu bomzi wakhe bumenze wanomdintsi uNomakhwezi. Akakholelwa emasikweni njengomfazi womXhosa. Ugatya yonke into ethethwa yindoda yakhe ufuna kwenziwe intando yakhe. Ngenxa yothando lukaLungile kwinkosikazi yakhe ebeye athule ngelinye ixesha ukunqanda ukuba kungabikho ngxabano.

UYolisa uyamkhalimela emxelela ukuba akwenziwa nje kodwa asuke athukwe ngokuba wazi ntoni engazange ende nje. Besimkhathaza isimilo somntwana womntakwabo. Ebede ngamanye amaxesha ambuze ukuba kutheni ewuchitha ngokwakhe umzi wakhe. Xa esithi makahlukane nalo Nozililo ungumxabanisi ngathi uyamthanda, afuthe amxelele ukuba uhleka ngezinyo kuphela hayi nangempahla zevenkile. Esi ibisisinyeliso esibuhlungu xa becinga ukuba nguye umntu othatha izinto evenkileni aze angazibhali phantsi. Xa bemkhumbuza athi akazi kulawulwa ngabantu evenkileni yakhe, batsho bathule. Le ntetho ayamkelekanga xa ibhekiswa kumntu omkhulu kunawe, udadobawo wakhe. Ebengakhathalele mntu, engenambeko nakubanina.

Wenza isimanga sokuphula iifestile zemoto yomsebenzi kaLungile kuba eve ukuba ebehamba nentombi eThekwini bade balala ehotele. Akafuni nokuyibuza uqinisekile ngale nto. Izimbo zakhe zezomntu ongayanga esikolweni, iqabakazi lokwenene. Akaqeqeshekanga kwaye zange awuhombele umzi wasemaJwarheni. **[35]**

**OKANYE**

**UMBUZO 2**

**ISICATSHULWA A**

2.1 2.1.1 NguNtongana √ noNozililo √ (2)

2.1.2 Ngevenkile kaLungile √ (1)

2.1.3 NguLungile √ noNomakhwezi umkakhe. √ (2)

2.1.4 Wayeka ivenkile yathengwa nguLungile esithi iselungelweni lakhe. √√ (2)

2.1.5 Hayi, √ ulukuhlwa ngumfazi eyazi inyaniso apho ikhoyo. √ (2)

2.1.6 Ngokuba unento ayifihlayo, le yokuba ivenkile ayikho lungelweni labo. √√ (2)

2.1.7 Ewe √ (1)

2.1.8 Baxabana uThamsanqa noNtongana bafuna ukubambana ngezandla √√ (2)

**ISICATSHULWA B**

2.2 2.2.1 NguLungile uthetha noNomakhwezi √√ (2)

2.2.2 Ukhathazekile yindlela aziphethe ngayo umkakhe, nendlela amphethe ngayo yena Lungile √ (1)

2.2.3 Uvela emsebenzini. √ (1)

2.2.4 Kuthiwa uyathandana emsebenzini, √ uthetha ulwimi lwelokishi. √ (2)

2.2.5 Kukucaphuka/kukuba nomsindo √√ (2)

2.2.6 Yinto engavakaliyo ukuba ithini/bubuxoki/ yinto engaphathekiyo √√ (2)

**ISICATSHULWA C**

| | | | |
|---|---|---|---|
| 2.3 | 2.3.1 | Ukhathazekile√unalo nodano√ ngenxa yesimilo sikaNomakhwezi. √ | (3) |
| | 2.3.2 | Wayethuka indoda yakhe/Wabotyoza imoto yabelungu ehamba uLungile. √√ | (2) |
| | 2.3.3 | Wayecaphukela le nto uLungile ebize uThamsanqa naye wabiza owakowabo. √√ | (2) |
| | 2.3.4 | Ngumntu omkhulu onesidima nongayithandiyo into embi. √√ | (2) |
| | 2.3.5 | Ngumongikazi √ | (1) |
| | 2.3.6 | Uthengisa i-inshorensi √ | (1) |

**[35]**

**OKANYE**

**UMBUZO 3**

***UMQOL'UPHANDLE* – PM Ngani**

**UMBUZO OMDE**

ISAKHIWO SEBALI

1. INTSHAYELELO: Eli bali lidlalelwa kwilokishi yaseMonti. Ekuseni kwavakala udaba lokufa kukaEddie Maga noLulama Zuma, esi sibini sifunyenwe sibubutyobo kwimoto ebebeyikhwele xa besuka kumboniso eRio, ivolovolo ebadubuleyo yi.38 automatic. ULinda Monti osisithandwa sikaEddie Maga ngobusuku beshwangusha uzintyintya ngotywala, akugqiba ukwala ukuya kumboniso noEddie. Unxiba impahla ebeza kuyinxiba xa ephuma noEddie, unxilile ulala ezinxibile.

2. UKUNYUKA KOMOYA WEMPIXANO: Emapoliseni kufika unkosikazi Hobe othi ungumakazi kaEddie ufuna ukuncedisa emapoliseni ekubambeni umbulali. Uwaxelele ngoLinda Monti onokuba umbulele uEddie ukuze aze kufumana ilifa lezinto zikaEddie. UHlobo uyokuphanda kwindlu kaEddie, ufumana ileta ebhalwe nguLinda exelela uEddie ukuba akaphumeleli embonisweni makahambe nesinye isithandwa sakhe. UJoe unika ubungqina benenekazi elafika eRio ngemini yomboniso linxibe ibhatyi emfumamfuma efana nekaLinda, alathetha namntu, lalaqaza nje lakugqiba laphuma laya kungena kwisinga ekwafela kuso uEddie noLulama.

3. UVUTHONDABA: OkaHlobo uye kwaLinda esiya kuphanda, ufika uLinda elele aze aguqulule indlu kaLinda adibane nesingxobo sofele asithathe. Kuso ufumana ivolovolo kaLinda eyi.38 automatic uyayithatha uyifihla kuye, abone nomsesane wengeji kaLinda nawo uyawuthatha. Akugqiba uvusa uLinda ambuze ngobuhlobo bukaEddie noLulama. ULinda uphendula ngelithi uEddie noLulama ngabahlobo abathandani kwaye umthembe kakhulu uEddie akanaye omnye umntu athandana naye ngaphandle kwakhe. UDick ukhupha ileta ebhalwe nguLinda ngesandla sakhe esithi kuEddie makahambe nesinye isithandwa sakhe. Ziyaqala ngoku izinto ziba shushu phakathi kukaLinda noDick, ngoba uLinda uthi ebemqhula uEddie. Uthi uyaxoka uLinda kuba umxelele ukuba ebenxilile ngobusuku bokufa kukaEddie noLulama. UDick uthi wayeqweba isibindi sokubulala uEddie noLulama ngompu wakhe oyi.38 automatic. UDick ukhupha kuye umpu kaLinda, othuke uLinda ayeke nokulila kuba uwazi umpu wakhe ulahlekile. UDick akafuni nokuyiva eyompu olahlekileyo, waphambana ngumsindo uLinda. Kusenjalo kungena uDuma Hlelo osebenzela uLinda, alahle ngentsimbi kuDick uqale umlo kwesi sithathu. Ngelingeni, sebe sophisa bonke uDick ufumana ithuba lokubiza amapolisa. ULinda Monti uyabanjwa aye kuvalelwa kwesimnyama isisele.

4. ISISOMBULULO: UDuma Hlelo uya entolongweni ngeliya kubona usisi wakhe adibane noDick. Emva kokubuzwa imibuzo uDuma uveza into yokuba ivolovolo kaLinda yalahleka phambi kokufa kukaEddie. Uchaza ngabantu baseMoonglow ababetyelele uLinda bafika ephandle bamthuma amanzi endlwini, eshiya imoto kaLinda ingatshixwanga kukho isingxobo sikaLinda emotweni, bathi kuye makasingenise endlwini. OkaHlobo unento angayiqondiyo abuyele kwakuJoe Bumba aye kucupha. Bathe encokweni yabo kwavela into yokuba uEddie waboleka itape recorder kaJoe kwaye zange iphinde ibuye. UDick uhle esenyuka efunana nale tape recorder waya kuyifumana kwiAll safe bank, apho afumene kushicilelwe intetho eyayiphakathi kukaEddie noThembisa, uMdada nokaNzulube benyanzelisa uEddie ukuba avume kuthengiswe intsangu eMoonglow, kwaye bethembisa ngokumbulala ukuba uyala. UDick ulandela le migewu xa isiya ehlathini ubiza amapolisa, bayabanjwa bonke bephethe imiqulu yentsangu.

ISIPHELO: Ityala liyarhoxiswa kuLinda kuba umsulwa. **[35]**

**OKANYE**

**UMBUZO 4**

**UMQOL'UPHANDLE: PM Ngani**

**ISICATSHULWA A**

4.1

4.1.1 Yintwazana elufafa etsobhileyo, unamehlo azingqanda, izidlele ziyaphalala, zibomvu ngathi ziza kopha. Unezinxonxo ezimana zifonqoka ngathi kucudiswa ibhola ebuphelelwa ngumoya. Iindlebe zingamabhakubhaku achaseleyo. √√ (2)

4.1.2 Wathi akaphilanga unengqele √√ (2)

4.1.3 ERio Cinema √ (1)

4.1.4 "Ukuba akandibethanga uyakuba undilibele" √√ (2)

4.1.5 Wathi ufuna afumane ithuba lokudibana nesinye isithandwa sakhe asithanda ngaphezu kwakhe √√ (2)

4.1.6 Wayenganyanisanga√ – Wayegqadaza ephuma engena kumagumbi endlu yakhe, wahamba ngobusuku waya kwaMakheswa apho wafika wazintyintya ngotywala. √ (2)

4.1.7 Unyaka omnye √ (1)

4.1.8 Uthanda ekwaxabise ibhayaskophu ngaphezulu kwakhe √√ (2)

4.1.9 Wawuboniswa okokugqibela eMonti.√ (1)

4.1.10 Yinyani, √ wazisola kuba emva koko akazange onwabe ecinga ngezinto ezithethwa ngabantu, edliwa ngumvandedwa loo nto yonke yaphelela ekubeni aye kusela utywala.√√ (3)

4.1.11 Wayesoloko esithi uxakekile. √√ (2)

4.2

4.2.1 NguDuma Hlelo √ (1)

4.2.2 Ileta eyabhalwa nguLinda esithi akaphumeleli kumboniso, ekhulula uEddie ukuba ahambe nesinye isithandwa sakhe /
Ivolovolo ebulele uEddie yi,38 automatic kaLinda/
Ukuzintyintya ngotywala ngobusuku bokufa kukaEddie noLulama √ √ √ (3)

4.2.3 Wayenesiqu√ – ezo mbokotho zezandla zingcangcazela. √ (2)

4.2.4 Uthetha ukuthi yonke into ibe ifihlakele ivelile. √√ (2)

4.2.5 B: Yi,38 *automatic*. √ (1)

4.2.6 Wawubhalwe uEM kwaza kwazotywa uphawu lwentliziyo ze kwabhalwa uLM. √√ (2)

4.2.7 Ukulindela ukuba umntu akuqale nje uzokumdlakaza/ okanye akuphazamise nje uzokukhwela kuye √√ (2)

4.2.8 Umfanekiso ngqondweni womntu ombi, otyebileyo onyinyithekayo nokwamfutshane √√ (2)
**[35]**

**AMANQAKU ECANDELO A: 35**

## ICANDELO B: IDRAMA

## UMDLALO: *NDIYEKENI* – DM Jongilanga

### UMBUZO 5

### UMBUZO OMDE

Kule ncwadi kukho inzondo nentiyo eyendeleyo ebangelwa kukunyolukela izikhundla ngondlela-mnyama. Uthi umntu akulambela isikhundla esingesosakhe abe namacebo angalunganga kuba ngawo aza kumnika iziphumo ezikhawulezayo.
UMaziko uxela uNdila kwinqununu ngendlela abusela ngayo utywala ngexesha lesikolo, ethuma abafundi ukuba bamthengele. Uthi akasabuseli ngoku uyabutya.

Uyayicinezela into yokuba akanakuba sancedakala ngoku, sele nguncanyelweni. Uyamazi ukuba uMawonga unentliziyo ethambileyo uza kuhamba kade kulo mcimbi kanti ufuna aqonde ukuba ungumncedi wakhe ukuphatha isikolo kungabikho gxeke. Inkathazo yenqununu kukuba lo mfo akanasikhalazo ngakuye eklasini uyawenza umsebenzi wakhe. UMaziko uyamthibaza kuloo mbono ngokuthi ufundisa nini engumahlal'eshushu nje. Uyamzonda kakhulu, kwaye ufuna ukumbona ephelelwe ngumsebenzi.

Ngelingeni ude waphumelela uMaziko ukumqethula uNdila wanyanzeleka ukuba arhoxe emva kwentlanganiso yekomiti ebishushu ngaye. UNdila waphuma apho kweso sikolo intliziyo yakhe ibuhlungu kukuphulukana nomsebenzi wakhe. UmkaNdila wafunga wamunc'iintupha ukuba abazi kulamba bodwa abakhe abantwana. Amazwi athi uya kumenza azi ukuba inkwali iyakwazi ukuphandela enye ingenathole abonisa ukuqala kokuhlwayeleka kwembewu yolwabhici. UMaziko ngoku uhamba noNdila uyamhlohla ukuba aziphindezele kuMawonga.

UMaziko akamthandi uMawonga koko usebenzela isiqu sakhe ufuna ubunqununu mayana. Uzenza ngathi uyavelana noNdila kodwa nguye umbaseli wale mbiza ide ivuthwe nje kungenxa yakhe. Uthe akuthi intak'edla iinkozo ithiyelwa ngeenkozo, edli'nyama ngenyiki yaqala yayondelelana yonke le nto. Izabatha zithiyiwe waziyela ebaleka uMawonga emgibeni.

Uthe akunqakulwa ngumgibe, wangena weyela ebhekileni, ngathi uleqa ukubuyisa ela xesha wayengaseli, wahleka wagigitheka uNdila noMaziko neetshomi zabo kuba impindezelo isemnyango.

Uthe uMawonga akuziqonda ukuba ngoku uthukuza kumgxobhozo kaThisayi wacinga ngosapho lwakhe, ngemali yabantwana bakhe etyiwe kwaFuneka noZanele njengokuba ngoku sele engumalahlwa nofele nje wacinga ukuziphindezela. Kuthe kwakuhlekiswa ngaye kwaFuneka kukho noNdila waqonda ukuba uthando ngelinye ixesha luba lukhokho lobutshijolo notshaba. Waqonda ngalo mini ukuba iinyosi azinabudlelane neempukane.

Uthe xa efuna ukuvusa amahasa uNdila wanqanda uMawonga emcebisa ukuba angakhwazi engekaphumeli entsunguzini, kodwa ngokungaqondi uNdila wathi selecwanye entla kwayo. Waqonda uMawonga ukuba kuvuyiswana nokuwa kwakhe okwacwangciswa kudala ngooFuneka ngeempembelelo zikaNdila.

Wafunga ukuba uza kubalungisa, njengetitshala waqula waligangatha. Uyicwangcise kakuhle impindezelo yakhe ukuze emva kokufa kwakhe icekwa lisale noNdila, Funeka kunye noZanele, babhadle entolongweni.

Watyala ndawo zonke ezibalulekileyo ubungqina obufunwa ngamapolisa ngokufa kwakhe. Bathi bakufumaneka ubungqina bagwetywa uFuneka noZanele iminyaka elishumi emnye, uNdila yena wagwetyelwa ukuxhonywa, kuba nguye owaye nesilandu ngakuMawonga, kwatsho kwacaca ukuba ngenene ithambo lenyoka lihlab'elimzondayo. **[35]**

**OKANYE**

**UMBUZO 6**

6.1

6.1.1 Kukunxila kwenqununu uMawonga Loni. √ (1)

6.1.2 Ukuthanda ukunxila / kukunxila √ (1)

6.1.3 Ibize umama wakhe kunye nomntakwabo onguRay √√ (2)

6.1.4 Wenzelwa iyelenqe nguNdila, Funeka noZanele bamfundisa utywala/ uthandane noZanele wamtyela imali/ khange awukhathalele umzi wakhe imali isiya kwaFuneka yonke. √√ (2)

6.1.5 Uvuyiswa kukuba impindezelo yakhe iyaphumelela/ ngoku bayafana banxila bonke njengokuba wayengafuni nentwana ngotywala nje. √√ (2)

6.1.6 Ndila, Funeka noZanele √√ (2)

6.1.7
- Ungene kwaFuneka ngefestile bengekho; √
- Wakhabela incwadi yesazisi phantsi kwebhedi kaZanele; √
- Washiya ileta esayinwe uNdila; √
- Ileta enetyhefu ekasini kaFuneka; √
- Waza wasela ityhefu wafela apho. √ (5)

6.2

6.2.1 Ityiwa kwaFuneka nesithandwa sakhe uZanele. √ (1)

6.2.2 Mawonga yinqununu yesikolo. √√ (2)

6.2.3 Ewe, nanku umyeni wakhe ebuya kusasa yonke imihla enxilile, umyeni wakhe akafuni nokubuzwa ukuba uvela phi na. Imali yabantwana bakhe iphelela kuZanele. Maninzi amadoda aphelela phaya kwaye ayaziwa √√ (2)

6.2.4 Makaye apho akhoyo uMawonga aze amkhuphe ngetshova. √√ (2)

6.2.5 Hayi, uthi makakhe abize umama wakhe nobhuti wakhe. √√ (2)

6.2.6 Kwindlu kaFuneka. √ (1)

6.2.7 Hayi, wayehlala kwaFuneka esela ubusuku bonke abuye enxilile aye esikolweni enjalo. Wayengafuni kubuzwa nokuba uvela phi na. Wayengathi uyamthuma kuba imali yakhe yayingasondli usapho lwakhe iphelela kuZanele. (2)

6.3

6.3.1 F √

6.3.2 A √

6.3.3 H √

6.3.4 D √

6.3.5 G √

6.3.6 B √

6.3.7 E √

6.3.8 C √ (8)

**AMANQAKU ECANDELO B: 35**

## ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE

***NDAKUYICEL'IVUTHIWE*: LL Ngewu no EZ Guqa**

## UMBUZO 7

## UMBUZO OMDE

7.1 Kwibali elithi “Izibhovubhovu zaseBhayi” sifumanisa ukuba izihange zaseBhayi zenza unothanda kwidolophu yaseDikeni ngokuthi zingene ziphuma zisiba iimpahla zabantu, ziqhekeza, zizithatha ezi mpahla ngendlela enolunya nangaphandle kwemvume, kuyo yonke le nto amadoda aseDikeni ahlala enyamezele ukuphathwa kakubi ngamadoda aseBhayi awenza unothanda kwindawo yawo. Mlumkele umntu othuleyo kuba awuyazi into ayicingayo. Azincama amadoda aseDikeni ngokuphathwa okwamakhwenkwe kwindawo yawo. Kwasuka indoda yanye eyayikruqukile yile meko, yanele, yadumisa izulu lezandla, yaqengqa ugodo.

Izikrelemnqa zibabeleke kwangoko abasicatyana zamshiya apho uwazo egcuma ziintlungu. Uphume iphulo wonke umzi wasebuhlanti waseDikeni ubuza indawo yexhwayelo. Ngenxa yokudinwa zizenzo zaba nqalintloko basemzini baphatha indawo yabo ngobuxelegu, abantu baseDikeni bagxalathelene bayibetha bayosela enye yala madoda aseBhayi. Abalingane balo nqalintloko baye bacela kwabanentsente bakubona ingqumbo yomzi waseDikeni kwindlela abethwe ngayo ugxa wabo. Bamshiya ekhwina yedwa kuloo ndawo adutyulelwe kuyo ngembumbulu yamalungisa ezifundiswa zaseDikeni.

Sithe nangoku sesicela uxolo sitarhuzisa eso sikrelemnqa sonzakalisiweyo, abantu abayeka ukuzifikisela kuso bebangwa ngumsindo wokunukunezwa ngala madoda kwindawo yabo. Abahlali bayibethe le ndoda bayilimaza kangangokuba yagqibela isisilima, nto leyo eyaba ngumzekelo nakwezinye izikrelemnqa ukuba zingayijongeli phantsi iDike.

Izenzo zokuthathelwa komthetho ezandleni nakwilizwe lethu jikelele ziyanda. Oku kuzalwa zizinto ezimbini. Okokuqala, abantu badinwe zizihange ezenza ukuthanda kwazo kwiindawo ezihlala abantu. Okwesibini, uluntu lulahle ithemba kumagosa omthetho angenzi ngokwaneleyo ekulweni ulwaphulo mthetho entlalweni. Nangona kunjalo, urhulumente akayikhuthazi imeko yokuba abantu bawuthathele kubo umthetho ngokoyikisela ukulinyazwa kwabantu abamsulwa nokudeleka kwengalo yomthetho. (15)

7.2 UMathidala yindoda engqwabalala emzini wayo nakubantakwabo. Ubambelele nkwa kwizithethe zamandulo. Akafuni nto ingazange yenziwe emzini wakhe kusekho uyise. Ukukhulelwa kweentombi zakhe zombini kumgqebhe olungophiyo uduma kuba ebecinga ukuba uza kufumana iinkomo xa zisenda. Udanile, ukhathazekile kwaye uyacaphuka yile meko azibona ephantsi kwayo. Ebecinga ukuba ubaqeqeshile kakuhle abantwana bakhe kodwa, unotshe, wangena ngefestile umtyholi kungalindelwanga, latsh’ibhayi.

Uphoxa umntakwabo xa eze kucelela uxolo abantwana bomntakwabo. Akamcengi kwaye akamkhathalele nokuba uyithatha njani le meko. Uyavutha ngumsindo koku kuphoxeka kungaka. Ubabiza ngokuba ngabafazi abantwana bakhe kuba bazenze abafazi ngokulala namadoda, nto leyo evumelekileyo ebafazini abakhutshelwe iinkomo ngamadoda abo.

Akakhathalele nokuwazi loo madoda ufuna baye kuwo, uyabakhulula. UMathidala lo yindoda enesandla esilukhuni xa kujongwa ingqeqesho kusapho lwakhe. Woyikwa nayinkosikazi yakhe xa sele caphuka. Abantwana bayatatazela kuba bayamazi akanja idlala nambundlwana. Into xa eyithetha uyayithetha, akajiki kwaye akacengi solalaphi.

Babengamkelekanga abantu abophula umthetho wakhe kwakhe. Wabakhombisa isango wathi mabahambe bangaze balubeke emzini wakhe kwakhona. Unentetho ethi ezi zisu zithe qhutsu ayizozisu zandlala zizisu zokuzendlala. Udandathekile umfo'mkhulu kwaye uqinisekile ngento ayenzayo. UMathidala lo ukuba bekuleli xesha siphila kulo ebeza kubanjwa, abanjelwe ukunyhasha amalungelo oluntu. Kweli xesha lempucuko abazali kufuneka basebenzisane nabantwana babo, bathethe bavane. Uxolo yinto enkulu ongenakugqitha kuyo, xa umntwana selezithoba nokuba ubuse ukhathazeke kangakanani, uye uzicenge, uhle umxolele. Ukuthatha isigqibo usebenze ngaso usemsindweni kuko okungamosha izinto lungabikho uxolo.

UMathidala usadla ngendeb'endala, ebengeke alunge kule mihla yokhanyo apho abantwana abangamantombazana bakhulelwa beselula kakhulu, kunjalo nje basityhale eso sisu ngathi bayadlisela. Ebeza kufa yintliziyo yokungathotyelwa komthetho wakwakhe.

(20)
**[35]**

**UMBUZO 8**

8.1

8.1.1 Akukho bungqina banelisayo. √√ (2)

8.1.2 Umcimbi lo wawusingathwe ngamadoda odwa. √√ (2)

8.1.3 Wathula wathi tu/wathi cwaka. Wabona ukuba ummeli ngoku uyameyelisela, umfaka ekoneni/engxakini ngemibuzo yakhe enzima atsho angakwazi ukuphendula kakuhle. √√√ (3)

8.1.4 Wakhala esimantshiyane/wagxwala kalusizi/walila kabuhlungu √ (2)

8.1.5 Hayi, √ uyamsizela nje kuba elahlwe lityala. √√ (3)

8.2

8.2.1 NguNonkanyezi √ (1)

8.2.2 Kukudlwengula √√ (2)

8.2.3 Kukuqiniseka ukuba uza kuphuma phambili. √√ (2)

8.2.4 Waliphika √ (1)

8.2.5 Babungekho ubungqina obufunekayo enkundleni. √√ (2)

8.2.6 Babukho bonke ubungqina benkundla. √√ (2)

8.2.7 Wavalelwa kwesimnyama isisele/ Wabanjwa wavalelwa. √√ (2)

8.2.8 Ewe, umthetho wadlala indima yawo kumntu ophethe gadalala abantu. √√√ (3)

8.3

8.3.1 Kukothuka kuba ebecinga ukuba uza kuphuma phambili √√ (2)

8.3.2 Libanjwa √ (1)

8.3.3 Ewe, √ kuluvuyo ukuba bayeke ukuthula bamchaze umenzi wobubi nokuba sele kukudala makaziwe ngabantu baze kumlumkela. √
Hayi, √ kuba abanye bangazifunela basakugqiba baxoke bathi baxhatshaziwe, √ (2)

8.3.4 Kukushiywa ziingqondo uwe phantsi √ (1)

8.3.5 Mabanikwe isigwebo esiqatha ukunika isifundo nakwaba bayenzayo le nto bangekabanjwa. √√ (2)

**AMANQAKU ECANDELO C: 35**

**ICANDELO D: ISIHOBE**

***VUKANI MADODA KUSILE***

**UMBUZO 9**

9.1 Ufana kowabo / ufana nabazali bakhe. √√ (2)

9.2 Amehlo nemilenze √√ (2)

9.3 Uyagxininisa √√ (2)

9.4 Kukuzala umntwana wokuqala. √ (1)

9.5 Yintombi yokuqala kubazali bayo / yinkulu eyintombazana. √ (1)

9.6 Uza kutshata alotyolwe ngeenkomo. √√ (2)

9.7 NguNontobeko √ (1)

9.8 Luyagxininisa √ (1)

9.9 Uyancuma akhumbule. √√ (2)

9.10 Umxelela ngobunzima bobom ekwamcebisa ukuba funeka athandaze. √√ (2)

9.11 A/ Abazali mabazingce ngabantwana babo. √ (½)

9.12 Ngumntu ongenamzimba. √ (1)
**[17½]**

**UMBUZO 10**

10.1 Ngumntu okuthanda nyhani, ongahlekisiyo ngeengxaki zakho, ovelana nawe. √√ (2)

10.2 Kukuxelela umntu ngezinto ezikuhluphayo/ukudandalazisa iintlungu zakho. √ (1)

10.3 Yinyaniso – Umhlobo wenene akahlekisi ngeengxaki zakho √√ (2)

10.4 Xa umntu esenza izinto ezingalunganga. √ (1)

10.5 Ngumntu onenyani okwaziyo ukukubonisa xa usenza izinto ezingalunganga. Akavuyi xa izinto zakho zingahambi kakuhle. √√ (2)

10.6 Ngokuzingisa. √ (1)

10.7 Uyayithuthuzela intliziyo, uyayomeleza ingqondo √√ (2)

10.8 Osenyongweni/onyanisekileyo √√ (2)

10.9 Ndincedwa nguye naxa ndijongene nengxaki ebomini. √√ (2)

10.10 Nkqi – ukumqinisa nokumomeleza xa esentlungwini √
Nqum – buphele ngokukhawuleza ubuhlungu √ (2)

10.11 B/Kukomeleza nokuphilisa umntu √ (½)
**[17½]**

**OKANYE**

## UMBUZO 11

| | | |
|---|---|---|
| 11.1 | Ndixhuzule – isimntwiso/Okoqhawukayo – isifaniso/isimntwiso. √ √ | (2) |
| 11.2 | Kukunyuka eqhineni. √ | (1) |
| 11.3 | Okoqhawukayo √<br>Okoxinwe ngumbefu √<br>Zibonisa ukuba imoto enyuka eqhineni iphelelwa ngamandla oku komntu ophelelwa ngumoya. √ | (3) |
| 11.4 | Kukuphefumlela phezulu/ kukuminxeka ungakwazi ukuphefumla kakuhle. √ | (1) |
| 11.5 | Uba uncekelele nokuba kunzima uza kude uphumelele. √√ | (2) |
| 11.6 | Ngokuzondelela. √ | (1) |
| 11.7 | Ukujonga phambili noba sekunzima. √ | (1) |
| 11.8 | Lugxininisa ukuba ukuba unyamezele uza kuphumelela. √√ | (2) |
| 11.9 | Uqinisekile akathandabuzi. √√ | (2) |
| 11.10 | Ufundisa ukuba umntu kufuneka anyamezele xa efuna ukufumana into uza kude ayifumane,√ (Andizikutyhafa; Ndazi kamhlophe; Umzingisi akanashwa). √ | (2) |
| 11.11 | C/ yinzondelelo kwanempumelelo. √ | (½)<br>**[17½]** |

**OKANYE**

## UMBUZO 12

| | | |
|---|---|---|
| 12.1 | Ndiyanilumkisa/ndiyanakha/ndiyanivundlisa. √ | (1) |
| 12.2 | Yisonethi – inemigca eyi-14 √√ | (2) |
| 12.3 | Babenesimo nesimilo/ umonde nokuzondelela/ bakhuthale/bathantamisane/ bavelane/ bancedane. √√ [Nasiphi na isibini] | (2) |
| 12.4 | Umntu ophakamileyo/ ozicingelayo/ongabathandiyo abantu. √√ | (2) |
| 12.5 | Zinegazi elinye/elifanayo √ | (1) |
| 12.6 | Iinkcuku nobuhlanga √ | (1) |
| 12.7 | Sibanye/singabantu abanye/ubunye √ | (1) |
| 12.8 | B/Manyanani √ | (½) |

| | | |
|---|---|---|
| 12.9 | Ukuxhasa into/umntu ukuba angawi/ ukuthundeza/ukucenga. √√ | (2) |
| 12.10 | Kwiintlanga zonke – “zilahleni iinkcuku zobuhlanga”. √√ | (2) |
| 12.11 | Ukunyamezelana. √ | (1) |
| 12.12 | Imvano - siqalo. √√ | (2) **[17½]** |

**AMANQAKU ECANDELO D: 35**

**AMANQAKU EWONKE: 70**